



# basic education

Department:  
Basic Education  
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

## **NATIONAL SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 12**

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)**

**IPHEPHA LESIBINI (P2)**

**NOVEMBA 2015**

**IMEMORANDAM**

**AMANQAKU: 80**

**Le memorandam inamaphepha angama-24.**

**ICANDELO A: ISIHOBE****VUKANI MADODA KUSILE****UMBUZO 1 (ISINCOKO SONCWADI)****Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:****Kwistanza soku-1**

- Apha kwesi sitanza imbongi isixelela ngomqhagi njengewotshi yendalo. Kumqolo woku-1 nowesi-2 ichaza indlela okhala ngayo kamnandi umqhagi ngexesha lasemini ngenjongo yokwazisa ukuba kuxesha liphi. Kumqolo wesi-3 nowesi-4 ivelisa ixesha langorhatya okhala ngalo umqhagi nenkolo abantu abanayo xa zikhala ngeli xesha olo iluphawu lokuba kuza kusa kulele umbethe.

Umzekelo: Yatsho kalusizi ngorhatya,  
Kwathwa kwelakowethu zezombethe.

**Kwistanza sesi-2**

- Kwesi sitanza sesi-2 kumqolo wesi-5 nowesi-6 isityhilela umqhagi owodwa phakathi kwezikhukukazi nodume ngokuba nenzala engamantshontsho kuloo mhlambi weenkuku. Kumqolo wesi-7 nowesi- 8 sixelelwa ngomqhagi obonakala uqhwaya emgqubeni ngenjongo zokufumana isitshixo sikakhetshe kwindawo ezele amabibi.

Umzekelo: Nkunuz' edla kamnandi edla neemazi,  
Yancedis' ukufun' isitshix' emfungu-mfungwini.

Kwesi stanza kukho ushiyo lwesikhamiso oludala isingqisho. Imbongi isebenzise imvano siqalo ukudulisa obu bungangamsha bomqhagi.

**Kwistanza sesi-3**

Kwesi sitanza kumqolo we-9, we-10 nowe-11 imbongi isebenzise isimntwiso ukuveza indlela umqhagi ozidla ngayo phakathi kwezikhukukazi njengalo naliphi na ithol' iduna. Ukususela kumqolo we-12 ukuya kumqolo we-16 imbongi isixelela ngokuthi gqi kotshaba uze umqhagi ushiye usapho enyanyeni. Loo nto ibangela ukuba kubekho ukungavisisani kusapho lwakwankuku kuba lungoneliseki sesi senzo somqhagi.

Umzekelo: 'Ndakubetha, nda-ndakubetha'

'U-u-usile, u-u-sile' zatsho iintokazi zintyontyela.

Imbongi isebenzise isifanekisozwi u 'gqi' esibonisa ukuvela kotshaba ngequbuliso nagokungxama nto leyo yenza umqhagi ubaleke ushiye izikhukukazi namantshontsho zingakhuselekanga.

**Kwistanza sesi-4 nesesi -5**

Kwesi sitanza, kumqolo we-17 nowe-18 imbongi iveza umqhagi ukhonya emnyango nto leyo ingamkelekanga kuba kukholelwa ukuba ubiza iindwendwe kungekho kutya. Kwimiqolo wama-19 nowe-20 imbongi iveza iimpawu zobudala ukubonisa ukuba sekuntsuku uphila. Kwimiqolo wama-21 ukuya kuma-23 imbongi iveza uthando nokubaluleka kwale wotshi yendalo ingumqhagi.

Umzekelo: Mqhagindini uxatyisiwe.  
Wotshindini yakowethu uyathandwa.

Imbongi isebenzise isimntwiso ukuphuhlisa ukuwa kwesidima somqhagi.  
Imbongi isebenzise umbuzo buciko / ukubonakalisa ubushushu bengxabano phakathi komqhagi nesikhukukazi. [10]

## UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)

### INTLAKOHLAZA – JJR Jolobe

- 2.1 Sisetyenziselwe ukubonakalisa ukuvuyela/ imincili/ ukonwabela ukufika kwexesha lentlakohlaza.√ /ukwamkela ixesha lentlakohlaza.√ (1)
- 2.2 Ngumfanekiso-ngqondweni weliso√ kuba usibonisa into egugileyo nengabukekiyo.√ (2)
- 2.3 Ntlakohlaza, siyakubulisa!√ (1)
- 2.4 Liveza le ndlela amanzi ageleza ngayo ngokukhawuleza ngenxa yokufika kweli xesha lentlakohlaza.√/ Liveza ukudiyakatyula kwamanzi.√  
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 2.5 Isitanza ngasinye sakhawe sanemiqolo emine.√ (1)
- 2.6 Ixesha leNtlakohlaza lifika emva kobusika ixesha elingathandeki ncam.√√/ INtlakohlaza iza emva kobusika obungathandwayo.√√/Kuqala ubusika obungathandwayo ukuze kubekho iNtlakohlaza.√√  
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
- 2.7 INtlakohlaza lixesha elonwatyelwa kakhulu sisininzi sabantu.√√/Indalo iyatshintsha ibukeke ngexesha leNtlakohlaza.√√  
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
- [10]**

## UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)

### AMAZWI OBULUMKO – VL Mabinza

- 3.1 Imbongi ilisebenzisele ukucela indlebe.√/ Icela ukumanyelwa.√  
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 3.2 Iveza ukuba ebomini kukho imingeni athi ubani ahlangane nayo.√√ (2)
- 3.3 Igxininisa ukuba ukuze umntu aphumelele ebomini kufuneka abe ngumntu ongapheli mandla.√ (1)

- 3.4 Thantamisanani ninokuvelana nokuncedana.√ (1)
- 3.5 Ngumfanekiso ngqondweni weliso.√√ (2)
- 3.6 Ngumyalezo wokokuba siziintlanga singacalucalulani/ sibe nembeko/  
kuphathiswane/ kumanyanwe/ uluntu luhlalisane ngothando noxolo√√  
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
- 3.7 Imigca ili-14. √ (1)  
**[10]**

**UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)****UNKOSANA 'THE HAPPYBOY' MGXAJI – N Thuthani**

- 4.1 Yimvano-siqalo.√ (1)
- 4.2 Sityhila indlela ezigxalathelana ngayo ukucela umngeni kuMngxaji zinganikani  
mathuba.√√ (2)
- 4.3 Lubaxo√/Ugqithiso √/Ubabazo.√  
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 4.4 Uzitshayel' ezoMzantsi Afrika khucu,√ (1)
- 4.5 Isitanza ngasinye sinemiqolo emi-5.√ (1)
- 4.6 Imbongi iphuhlisa ukuba yincutshe kukaMgxaji.√√/ ukuba nesakhono  
kukaMgxaji emanqindini nendlela athe wayenza yaduma ngayo idolophu  
yaseMonti.√√  
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
- 4.7 Ityhila ukuba umntu uyakwazi ukuba yintshatsheli nakuyiphi into xa ezimisele.  
√√/ ukusebenzisa izakhono ozinikiweyo nguMdali kuyaphumelelisa.√√/  
ukuzinikezela nokwenza into ngokuzimisela nokuyithanda kuza  
nempumelelo.√√  
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)  
**[10]**

**UMBUZO 5 (UMBUZO OMFUTSHANE)****ZIHLABANA NJE ZIYALAMBA – W Shasha**

- 5.1 Siphuhlisa isandi sokuhlabana.√ (1)
- 5.2 Luphindaphindo.√/ yimvano siqalo.√ (1)
- 5.3 Abantu abamnyama/abacinezweyo ubutyebi belizwe labo babunikwa ngendlela engenasidima belinganiselwa/ benkinkishelwa/becuntsulelwa.√√ (2)
- 5.4 Zilwe zona ngaloo nketshe-nketshe.√ (1)
- 5.5 Ngumfanekiso ngqondweni weliso√ kuba aba bantu baxhamla bengakhululekanga kuba belindele nantoni na enokwenzeka kubo.√ (2)
- (Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
- 5.6 Isitanza sesi-2 sinemiqolo esi-7, esesithathu sinemiqolo eli-11.√/imiqolo yazo ayilingani.√ (1)
- (Nayiphi na kwezi) (1)
- 5.7 Uthi abantu abamhlophe/iinkokheli zixhamla kubutyebi base-Afrika ngelixa ama-Afrika/ abacinezweyo/abaNtsundu bona becuntsulelwa into encinci ade alwe ngayo ngenxa yendlala.√√ (2)

**[10]****AMANQAKU ECANDELO A: 30**

- 5.7 Uthi abantu abamhlophe/iinkokheli zixhamla kubutyebi base-Afrika ngelixa ama-Afrika/ abacinezweyo/abaNtsundu bona becuntsulelwa into encinci ade alwe ngayo ngenxa yendlala.√√ (2)

**[10]**

**ICANDELO B: INOVELI NONCWADI LWEMVELI****UMBUZO 6 (ISINCOKO SONCWADI)****NYANA WAM! NYANA WAM! – WK Tamsanqa****Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

- Umbhali usebenzisa iziganeko ukwenza ibali. Uzenza zithungelane/zilandelelane/zinxibelelane ngendlela efanelekileyo egxininisa kunobangela nesiphumo. Unelungelo lokuzikhethela ukuba ibali lakhe uliqala kweyiphi indawo. Angaliqala ekuqaleni, ekugqibeleni okanye phakathi.
- Zisuka nje kule ncwadi umbhali uliqala ibali lakhe ngokuthi asingcamlise ngokwenzeka ekupheleni kwebali. Umzekelo, umbhali usisa kwisikolo saseZazulwana, kwisithili saseGcuwa apho uMangaliso aze kutyelela khona kuba wayefunda kuso. Impumelelo yakhe ize emva kwemigudu namahla-ndinyuka.
- Udibana nabahlobo bakhe uThemba noSonwabo edolophini efika evela eRhawutini. Aba bahlobo bakhe ayingabo abahlobo benene, ngabahlobo abazimisele kubomi bokusela utywala. UThemba noSonwabo sibabona bemkhukulisa ukuba makaye eBhayi eshiya kokwabo engaxelelanga mntu.
- Uzibona sele eseBhayi engasakhumbuli nokuba uye njani. Abavumi kumnika umkhondo wokuba uye njani abahlobo bakhe. Uzama ukulungisa ubomi bakhe eBhayi, uzifunela umsebenzi.
- Udibana negqiyazana elinguNomsa edolophini nathe wathandana nalo. Ngenxa kaNomsa uzibhaqa sele esengxakini yokuphantsa ukubulawa yimiguvela ekukho phakathi kwayo othandana noNomsa, uJoe. Akuba esindile, uthabatha isigqibo sokubuyela kowabo.
- Endleleni egodukayo udibana kwakhona noThemba noSonwabo. Bamenzela iyelenqe lokumfaka kwinqwelo ebheka eKnysna hayi eGcuwa. Kwelo yelenqe usinda ekuqwenqweni ziingonyama kumahlathi aseKnysna.
- Ufika eKnysna azenze igqirha. Ubomi bumhambela kakuhle, uyafuya afume eKnysna.
- Akonwabi eKnysna ngenxa yamaphupha amphethe kakubi. Iimeko zamaphupha angamonwabisiyo zimnyanzelisa ukuba alishiye elaseKnaysna abheke kowabo.
- Ufika ekhaya, azimisele ukubuyela esikolweni. Uyise uFikizolo ufuna athathe umfazi ngenxa yokuba embona emdala nangenxa yeemeko zobomi agqithe kuzo. Akamthembi kwaphela uyise xa esithi uzimisele ukuphinda esikolweni.
- Ufika esikolweni agqwese. Usebenza kakuhle kwizifundo zakhe. Uyabalasela nakwezemidlalo. Loo nto imenza aziwe nguye wonke umntu esikolweni.
- Wenziwa umphathi wamakhwenkwe esinaleni. Ufumana imbasa nesipho-nkxaso mali ngenxa yemisebenzi yakhe emihle. Wenziwa usihlalo weS.C.A wanikwa noxanduva lokujongana neenkonzo zabafundi ngumfundisi uSheperd. Usondela kakhulu kumfundisi uMaqoma noSheperd.
- Uthi esengumfundi osesikolweni, afumane ithamsanqa lokumela iDyunivesithi kukhuphiswano lweengxoxo-mpikiswano. Uqaqamba kakhulu kolo khuphiswano. Loo nto imnceda de imenze afumane ithamsanqa lokuya phesheya kwangale ngxoxo-mpikiswano.
- Uyonyulwa ukuba aye kwingqungquthela eNgilane kwingxoxo-mpikiswano. Nalapho eNgilane uyaqaqamba uThole kwiingxoxo-mpikiswano, awongwe ngemali-nkxaso yokufunda kwalapho eNgilane.

- Uyaphumelela nalapho. Ucela ukubuyela kwelakubo. Emve kweengxoxo, uyakhululwa ukuba azokwenza umsebenzi wobufundisi ekhaya.
- Ufika ekhaya sele engumfundisi odume kwilizwe lonke. Utshata uThozama osisinganda- mathe sakhe sakudala nobe negalelo elikhulu ekutshintsheni ubomi bukaThole.
- Uzicelela kwiSinodi yabefundisi ukuba asiwe eGeorge Goch, eyayiyilokishi edume ngotywala, iziyolo, ukungafuni kukhonza nokuwisa abefundisi.
- Ufika eGeorge Goch aguqule isimo sentlalo ngendlela engalindelekanga. Uvula inkonzo yamaWesile, iSpes Bona. Impumelelo yakhe yaseGeorge Goch imnceda ekudibaneni noyise wakhe uMkwayi ngendlela emangalisayo. Butsho ubomi bakhe bugqibelele abe ngumntwana onabazali ababini.
- Wenza isigqibo sokubuyela ekhaya, eGcuwa, efika sele enguchwenene womfundisi. Kulapho afike wakha khona ipomakazi lendlu watshintsha nemeko yekhaya lakhe.

[25]

**UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE)****NYANA WAM! NYANA WAM! – WK Tamsanqa**

- 7.1 Bakumahlathi aseKnysna.√/Basendleleni ebheka eKnysna.√/eKnysna.√  
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 7.2 Usebenzise iqhinga lokuphelelwa kwenqwelo ngamafutha.√ (1)
- 7.3 Ufakwe emgibeni ngabahlobo bakhe, bamkhwelisa kwimoto engayi eGcuwa/ kowabo.√√ (2)
- 7.4 Wenze isenzo esingaqhelekanga/esibi/ubutsotsi/inkohlakalo/amaqhinga.√√  
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
- 7.5 Kusemahlathini aseKnysna apho kuzele izilwanyana ezinobungozi.√√ (2)
- 7.6 Wakhwela emthini ngokukhawuleza ukuze asinde ezingonyameni.√√/Wagaqa ngamadolo ingonyama yacinga ukuba sisilo esithile engazanga yasibona.√√ (2)
- 7.7 Ukuyondelelana kwebali.√/Ukujiya kwebali.√ kuba kulapho kuqala ukukhula kweziganeko eziza kwenza ibali liqhubekele phambili.√  
(Nayiphi na kwezi) (2)
- 7.8 Uncedwe kukudibana namakhwenkwe efuna inkonyana elilahlekileyo, walibona naye, wasebenzisa olu lwazi ekulandeni umkhondo njengagqirha.√√ (2)
- 7.9 Wayephethwe ngamaphupha amabi awayemkhumbuza kowabo.√/ yintshumayelo yonyana wolahleko.√  
(Nayiphi na kwezi) (1)

- 7.10 Uvela eNgilane.√/Uvela phesheya kweelwandle.√  
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 7.11 Kuba eza kubona umntu amthandayo namgqibele kudala.√√ (2)
- 7.12 Ungumfundisi odumileyo ofunde wade wayityekeza√/Unepomakazi alakhileyo lendlu kokwabo√/Uhamba ngomnyobo wemoto.√/ugqule isimo sentlalo saseGeorge Goch.√/ukwakha icawe iSpes Bona.√/akawanga njengabanye abefundisi .√  
(Nasiphi na isibini kwezi) (2)
- 7.13 Ufana naye ngomkhango ezantsi kwenkaba√/Sisiva esisebusweni.√  
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 7.14 Kukumkhuthaza√/Wayemthumelela imali√/Wampha ibhayibhile neencwadi.√/Wamncedisa ekufaniseni uyise.√  
(Nasiphi na isibini kwezi) (2)
- 7.15 Umongo ungethemba.√√/Umongo ungamahla-ndinyuka kaThole ebomini bakhe.√√/Umzingisi akanashwa.√√  
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

**[25]****UMBUZO 8 (ISINCOKO SONCWADI)****UKHOZI OLUMAPHIKO – N Saule**

- Umbhali usebenzisa iziganeko ukwenza ibali. Uzenza zithungelane/zilandelelane/zinxibelelane ngendlela efanelekileyo egxininsa kunobangela nesiphumo. Unelungelo lokuzikhethela ukuba ibali lakhe uliqala kweyiphi indawo. Angaliqala ekuqaleni, ekugqibeleni okanye phakathi.
- Umbhali eyivula nje incwadi izinto zihamba kakuhle selixolile ilizwe imeko emaxongo yezopolitiko idlulile, uMfazwe engummelwane kaMeva.
- Umbhali usebenzise iinkumbulo ukusilandisa ukuba uMfazwe sele esisiqhwala nje kuxa kwakutheni.
- Indima kaMfazwe emzabalazweni yiyo emenze wasisiqhwala.
- UMfazwe nangona ngokweminqweno wayefuna ukuba ngugqirha waphetha engutitshala ohlohla ezeMbali ngenxa yengcinezelo.
- Ulisebenzisile eli thuba ukuvula abafundi bakhe amehlo ngeemeko zopolitiko. Akudibana noogxa bakhe abangootitshala ubebarhabulisa ngezopolitiko kanti ngokunjalo nasekuhlaleni.
- Oku kumeme abomthetho kuba ngabusukwazana buthile bamfikela engacinganga bembeka isityholo sokuba unolwazi oluninzi ngezopolitiko.
- Eziseleni ufumanisa ukuba kukho indoda etsho esofelweyo imbokwa ngamapolisa uyangenelela kumanye amabanjwa ukuposa izithuko.
- Ngentsasa elandelayo ubuzisa ngesi senzo kwipolisa elathi kuye nguye



olandelayo. Uyatshintshwa usiwa eRhini, evenini yamapolisa uhlaliswa nenja.

- Useziseleni zaseRhini amapolisa ayamcenga ukuba abe ngomnye woongcothoza, amthembisa ngemali entle kunomvuzwana wobutitshala.
- Kwezi zicengo kuvela ukuba abantu abathembekileyo ekuhlaleni uNdlela noNtsipho ngoongcothoza.
- Uyakhululwa eluvalelweni uyagoduswa ufika kuQaka ingumbhodamo abafundi benyanzelisa ukukhululwa kukaMfazwe. Kusenjalo kuvakala udaba lokubhubha kukaKK eziseleni iqhawe kwezopolitiko.
- Ungenelele naye kulo mbhodamo, yabe ilipolisa, ingabahlali ingabantwana besikolo.
- Ufika engenakhaya umzi wakowabo utshe waluthuthu, esamkelwa yinja.
- Umntu wokuqala ukuba secaleni kwakhe ngutata uGaba oye wambuza ngokuba uyangcothoza na. Akazange abenazwi lamlomo koko wasuka waphuma waya kulo Nokuzola.
- UCwe naye umbuze lo mbuzo mnye katata uGaba wokungcothoza. Nalapho akaphendulanga. Ufumanisa ukuba kumbhodamo wasemini kukho abantwana ababini abaswelekileyo nangentlanganiso eseholweni aye kuyo uNokuzola elandwe nguFriday, phofu lonke olu lwazi uluxelelwa nguCwe.
- Udzulela eholweni apho kwakudibene abahlali. Apho wangcamla okokuqala ukutyekwezwa ngabantu ebebathembile ngokufunzwa ngumchasi wakhe uFriday.
- Walishiya elo holo intliziyo yakhe ilihlwili wadzulela emangcwabeni phofu eqalekisa wonke umntu nomnikazi welo ngcwaba wayehleli phezu kwalo ebathabatha njengamaxoki.
- Esi senzo samenza waba nempixano yangaphakathi ekhohliwe ukuba angalihlamba njani eluntwini igama lakhe.
- Uphindela ekhaya ehamba ngamathunzi kwilokishi azalelwe, wakhulela kuyo.
- Wamkelwa kwakhona yilaa nja ebeyibone ikhangela kwindawo acinge ukuba inokuba ibilikhitshi ifuna into naye angayaziyo. Esamangalisiwe yile nto yeli khaya, kuvela utat' uGaba emthuzela ngale meko. Umchazela ngokusweleka komzala wakhe uMachule kunye nenye intwazana engakhankanywanga ngegama.
- Ufumanisa ukuba amapolisa ngawo la anqande abantu ekucimeni umlilo kokwabo kwaye nabazali bakhe bamke noNdlela, nto leyo yamenyanyisayo.
- Besancokola njalo noGaba beva urhwasharhwasha abangamqondiyo, uyaqonda kunyembelekile uyokuzifihla kwimoto endala.
- Nakule moto uzibona engakhuselekanga kuba uye wabona uFriday namahlakani akhe wona ezigqume ngeebhara klava.
- Ibe lihlwili intliziyo yakhe akuva ukuba kanti kuzungulwana naye.
- Ubhacela kwaninalume eSihlahleni, izinja zomthetho ziyamnikisa ngoku selapho.
- Ufumana ithuba lokuhlamba igama lakhe ngobuqhawe abubonakalisileyo ukuqinisekisa ukuba uMachule nentwazana abhubhe nayo bayangcwatywa elixa abanye abantu bebalekile.
- Oku kubonakala ngendlela amkeleke ngayo eluntwini kulo Machule.
- Nalapho umthetho awuphelanga mandla ukumlandela koko umbhali umsindisa ngesandla sikaSiphiwo noSiphiwo.
- Selephindele eSihlahleni uphindela entlanganisweni kuQaka engaphumelelanga.
- Uya kwaMfundisi uHlathi apho kuthe kwakho ukungavivisisani phakathi kwakhe noNdlela watsho wafumana ithuba lokuba amkrwempe kanobom uNdlela ngesimo sakhe.

- UMfazwe unkolonkoloza yedwa endlwini kwamfundisi uHlathi. Uva isithongakazi sompu, uyaphuma phandle, walama iCressida emthubi ayilandele, esajonge leyo uva incwina kanti itsho phakathi kule Cressida ngumntu ofuna ukuhlangukwa ngelishwa ufike sele erhoxozelela ukufa. Akalufumana nolwazi alufuna kuye. Wayeqinisekile ukuba ngumsebenzi kaFriday lo njengoko esi siganeko senzeke kwindlela eya ngakulo Friday.
- Uphindele kwaMfundisi uHlathi ihlathi lakhe bafikisana phofu yena esothukile izihlangu zinqongo ligazi.
- Wothuka akuxelelwa nguMfundisi uHlathi ngezihlangu ezigcwele igazi, akubuzwa aye aphela emqaleni kuye.
- Emva kokunikwa amanzi nguMfundisi uHlathi ukuhlisa izibilini waba namandla okumxelela ukungcola okwenziwa ngooFriday namahlakani akhe.
- UMfundisi uyambonisa ubungozi akubo kuba nguye lo unqongo ligazi umcebisa ukuba atsibe imida ukuya kujoyina iNtsimbi ebomvu phofu eza kuqala aye kudibana noNkosi Zamlandela eMhlabiso.
- Uyalithabatha eli cebiso uMfazwe, walishiya elokuzalwa ngeenjongo zokulwa ingcinezelo yabaMnyama engaphandle.
- Yiyo loo nto incwadi ivulwa sele imeko intle iphelile imfazwe yengcinezelo ibonakala ngeenkumbulo kuphela njengoko sidibana nesiqhwalala esinguMfazwe.

## UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)

### UKHOZI OLUMAPHIKO – N Saule

- 9.1 Ngumzingeli.√/nguTat'uQhinebe.√ (1)
- 9.2 Kungokuba le ndlela yindlela enabavukeli mbuso nezigcayiseli ekulula ukufa kwabantu.√√ (2)
- 9.3 Sisiganeko sokukhangelwa kwakhe ngamapolisa wabona ukuba ehle kuloliwe wakhetha ukuhamba ngeenyawo kuba amapolisa ayemsukela.√√ (2)
- 9.4 Wehliswa endleleni.√√/Wasinda ngokusuka kungene imfonomfono kumphathi wamapolisa imxelela ngaye yena Mfazwe.√√ (2)
- 9.5 Uncede ngokunika uMfazwe amayeza okumkhusela kule ndlela.√√/ngokumlumkisa ngeendawo ezinobungozi.√ (2)
- 9.6 Ukujiya kwebali√/ukuyondelelana kwebali√ kuba kuqala khona iziganeko zokuqhubela ibali phambili.√ (2)
- 9.7 Lube yimpumelelo kuba isizwe sakhe siphela siyifumana inkululeko nangona kubekho amanzithinzithi endleleni yakhe.√√/lube yimpumelelo kuba ukwazile ukufika apho ebesiya khona kwelaBathwa.√√ (2)
- (Nayiphi na kwezi) (2)
- 9.8 Elubhacweni.√/kwelaBathwa.√ (1)
- (Nayiphi na kwezi) (1)

- 9.9 Ziileta✓//lincwadi ezivela kuNokuzola.✓  
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 9.10 Kungokuba wayexabane noMfazwe emxelela ngobumpimpi wasuka wambetha ngamandla.✓✓ (2)
- 9.11 Hayi, wafumana ukudutyulwa xa wayeselubhacweni.✓✓ (2)
- 9.12 Uthe wakhulisa le nkwenkwana emva kokusweleka kukanina wayo.✓✓ (2)
- 9.13 Umongo ungomzabalazo nokuphatheka kakubi kwabantu abaMnyama.✓✓ (2)
- 9.14 Umsebenzise ngokuba ibe nguye okhulisa uZubuye emva kokusweleka kukaNokuzola.✓✓/UCikizwa nguye omkhawulela noZubuye esikhululweni seenqwelo moya xa evela elubhacweni.✓✓  
(Nayiphi na kwezi) (2)

**[25]****UMBUZO 10 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)****UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI – MMI Swana nabanye****Izibongo****IMISEBENZI**

Izibongo lolunye udidi olubalulekileyo lwemveli olwenziwa ziimbongi zomthonyama. Kuthi kwakubakho imbambano phakathi kwabantu, imbongi isuswa yiloo mbambano ibonge injongo ikukuxolelanisa. Loo nto ke ithi imbongi zinamandla okwenza uxolo apho bekungekho mvisiswano khona. Izibongo zinenxaxheba enkulu eziyithabathayo kubomi babantu. Ziyakwazi izibongo ukuthuthuzela. Umzekelo: Xa umntu ethe wagutyungelwa lilifu elimnyama okanye wehlelwa yinto ebuhlungu izibongo zimnika ithemba kwaye ziyomeleza. Umzekelo xa kubhekwa emfazweni okanye umntu esezintlungwini. Ubusithi umkhosi xa usiya emfazweni ivele imbongi idanduluke ukulungisa iingqondo zawo nokuwunika amandla ukubabonisa ukuthenjwa sisizwe sawo.

Izibongo zinamandla amakhulu okubopha abantu ngebhanti elinye babeyinyanda, loo nto ke ithetha ukuba imbongi ifana nekhonkco elidibanisa abantu babe banye. Le yale mbumba inika iqhayiya kwisizwe sizibone sikwazi ukuba nenjongo enye yokujongana notshaba. Izibongo zinemfundiso enkulu kubomi besizwe. Umzekelo: Zifundisa ngonqulo, ngembali yakwaNtu, indlela yokuziphatha njalo njalo.

Zinako ukucebisa, ukulumkisa zikwavula umntu amehlo. Xa kulungiswa iimposiso nezinto ezidla umzi kusetyenziswa izibongo. Ukanti naxa kucengwa umntu othile okanye kufunwa into ethile kusetyenziswa izibongo. Ikwangumsebenzi wezibongo xa kucanyagushwa kunxityelelwana nabaphantsi.

**lintsomi****IMISEBENZI**

lintsomi lolunye udidi nalo olubalulekileyo kolu hlobo loncwadi. lintsomi nangona zingakholeleki zinganabo nobunyani zinomsebenzi omkhulu eziwudlalayo kubomi bomntu. lintsomi ziyonwabisa kutsho kube mnandi phakathi kwekhaya. Olona hlobo lunamandla ekufundiseni kuba kufundwa kuhlekwa konwatyiwe. Ziyalumkisa kwinto umntu ebengayiqondi enokumenzakalisa. Zinika ulwazi kwaye zikwavula ingqondo. Zisinceda ekunikeneni imvelaphi yezinto ezininzi zakwaNtu, zikwaphendula nemibuzo emininzi esingaba asikwazi kuyiphendula.

**UKWAKHEKA****Izibongo****Isiqalo**

limbongi zineendlela eziqala ngayo etsala abaphulaphuli ukuze baphulaphule. Umzekelo: eyona ndlela ibiqhelekile yile ithi Ho-oo-yina, ho-o-o-yina. Zimbi zisebenzisa ikhwelo. Umzekelo: Vi-vi-vi-i-ityo kwakhona zikwaqala ngezikhahlelo Umzekelo: Aa! Dalibhunga. Kukho enye indlela yokuqala isibongo nangona yona ingaxhomekeke kumazwi omlomo. Umzekelo: Isuka ichwechwe ihambe kancinane ngokungathi inanto iyichwechweyayo.

**Isiqu**

Isiqu siyohluka kabini okanye kathathu. Kungachazwa imvelaphi, inkangeleko yenkosi xa kubongwa inkosi nezinto ezenzileyo.

**Isiphelo**

Kwisiphelo zikho iindlela zokusonga isibongo Umzekelo: Ncincilili, Ndee gram iyho!

**lintsomi****Isidingo**

Kweli nqanaba kudla ngokubakho le nto idingekayo neza kwenza ukuba abalinganiswa bashukume.

**linzame zokuhlangabezana nesidingo**

Kwezinye iintsomi kuzanywa iindibano yentlanganiso ukuze kuzanywe iindlela zokuhlangabeza nokuza necebo. Kuye kufikelelwe kwisigqibo esithile.

**Ukudubaduba izigqibo:**

Kweli nqanaba kuthi kubekho umlinganiswa othile odubaduba izigqibo ebekufikelelwe kuzo ngokuthi enze izinto ezichaseneyo nesigqibo.

**Iinzame zokubamba umdubadubi**

Kubakho abalinganiswa abathile okanye umlinganiswa othile onikwa uxanduva lokwenza iinzame zokubamba lo mdubadubi.

**Isiphelo:**

Apha kweli nqanaba kuyenzeka ukuba umdubadubi abanjwe okanye angabanjwa.

**QAPHELA: (Umfundi angayiphuhlisa impendulo yakhe ngokunika imizekelo esuka ezintsomini)****UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)****UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI – MMI Swana nabanye**

- 11.1 Kwahlala kwahlala kwayintsomi.√/Ithi imbali√/ithi intsomi.√/  
chosi chabalala ndaba zolwimi.√  
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 11.2 Ngumakhulu√/Ngugogo√/Ngamaxhegwazana.√  
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 11.3 Kungokuba emini kuxakekiwe ngumsebenzi wemini.√√/kukuqokelela  
usapho.√√/Kukho nenkolo yokuba xa yenziwe emini ubani lowo uyenzayo uya  
kuphuma iimpondo.√√  
(Nayiphi na kwezi) (2)
- 11.4 UMaginy'inyathi ngumlinganiswa ongenalusini, ocinga ukuba unamandla  
ngaphezu kwabanye abantu ukanti uFudwazana ngumlinganiswa ocingayo  
ongenzi nje nangona edelekile.√√ (2)
- 11.5 Isivezela ukuba uFudwazana ungumntu othatha ixesha noqala acinge phambi  
kokuba enze into.√√/isivezela ukuba abantu bajonga kakhulu indlela  
okhangeleka ngayo bakugwebe.√√  
(Nayiphi na Kwezi) (2)
- 11.6 Kukudlulisa ukuba yena ubuye noloyiso kuba ukwazile ukumoyisa  
uMaginy'inyathi neempondo isilwanyana esoyikwayo.√√ (2)
- 11.7 UFudwazana esisilwanyana esincinane ukwazile ukoyisa esona silwanyana  
soyise ezinye ezikhulu uMaginy'inyathi neempondo.√√/ufuna ezinye  
izilwanyana zimhloniphe kuba ukwazile ukubulala utshaba lwabo emncinane  
enjalo.√√  
(Nayiphi na Kwezi) (2)

- 11.8 Ungabokuqala ngokudelela umntu kuba umbona indlela akhangeleka ngayo.√ (1)
- 11.9 Amandla engqondo ayawedlula amandla ezigalo.√√ (2)
- 11.10 Isikhahlelo u-A! Zilimbola√/Isiphelo u-Ncincilili√/Izitanza azilingani ngokwemiqolo√/amagama antsokothileyo√/ukunxulumanisa nezilo ezithile ukuchaza ngokwenkangeleko yangaphandle.√/Ukusetyenziswa kwezafobe.√ (2)
- (Naziphi na ezimbini kwezi) (2)
- 11.11 Sisikweko.√ (1)
- 11.12 Imbongi iyagxininisa ngenjongo yokubonisa intlonipho√./Ukugcina unxibelelwano phakathi kwesihloko nomxholo wesibongo√ (1)
- (Nayiphi na kwezi) (1)
- 11.13 Ziinkosi√/Zizilwanyana ingakumbi ezasekhaya√/Ngabantu ababalulekileyo.√ (1)
- (Nayiphi na kwezi) (1)
- 11.14 Unesakhono sokusombulula iingxaki ezibonakala zinobunzima nobunkenenkene.√√ (2)
- 11.15 Yimfano-zandi.√ (1)
- 11.16 Ityhila ukuba le nkosi abanye abantu ibahlalisa phantsi ngemihla yemidudo.√√ (2)

**AMANQAKU ECANDELO B:** [25]  
25

**ICANDELO C: IDRAMA****UMBUZO 12 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)****AMAZA – ZS Qangule****Umfundi makachankcathe kwezingongoma zilandelayo:****Ingabula zigcawu:**

- Kweli nqanaba umbhali usivezela abalinganiswa abaphambili ekwasityhilela nangezimo zabo, ixesha nendawo eliqhubeka kuyo ibali, usikrobisa kwizithole zempixano eziza kuqhambukisa ingxubakaxaka yongquzulwano. Olu ngquzulwano lubangelwa kukuthandana kukaNamhla noLizo bobabini besemitshatweni abangayifuniyo ngenxa yokunyanzelwa ngabazali.
- Eli bali liqala ezilalini entangeni kulo Namhla apho simbona ethuka ekwaqalekisa zonke izinto aya nazo ekwendeni kumtshato angawufuniyo wokunyanzeliswa kwesiko lokubonelwa.
- UNamhla uthandana noLizo logama esendela kuSidima. UNamhla noLizo bazama iindlela zokuchitha lomtshato kaNamhla noSidima anyanzelwa ngawo nguyise uDanile.

**Ukuyondelelana kwebali:**

- Izithole zempixwano zikhula ngokukhula litsho liyondelelane ibali nezimo zabalinganiswa ziyadula ngenxa yeentetho nezenzo zabo. Unxunguphalo oludalwa yimpixano luyatwebeka.
- UDanile ufika uNamhla emhokamhokana noLizo entangeni kwaDanile. Simcaphukisa kakhulu esi senzo sikaNamhla noLizo atsho abize amaBhele ephela ukuza kushukuxa eli nyala likaNamhla nalo mntu ambona njengengqeqe inguLizo.
- AmaBhele ahlukene phakathi awaboni ngasonye abanye babona le nto ilinyala njengomntu osele eceliwe uNamhla ukanti abanye bayibona le ntlanganiso njengencitha-xesha.
- UNamhla ubhaqa ileta nefoto kaXelisa ongumntwana kaZodwa Zazile noSidima ongumyeni wakhe ebhatyini, bayaxambulisa loo nto idale intiyo kuNamhla. ULizo naye kwelinye icala uxabana nenkosikazi yakhe enguZodwa Zazile.
- UZodwa uphela ebhacela eRhawutini kuSidima ebaleka nencwadi yebhanki kaLizo. Uthando lukaNamhla noLizo luya luqina ngokuqina.
- Ukungavani kwamaBhele kuya kukhula ngokukhula.

**Uvuthondaba**

- Kweli nqanaba zonke iziganeko zikhule de zafikelela kwelona qondo liphezulu [encochoyini]. Omabini amacala awavumi kugoba uphondo, awanikezeli oko kukuthi kubambene ingwe nengonyama. Kulo mmandla abalinganiswa baxolele ukumila ingca emqolo kunokuba iinjongo zabo zingaphumeleli.
- UNamhla akakwazi ukuzibamba kuthando lwakhe noLizo loo nto imenze enze izinto ezimbi nezingamkelekanga kumntu otshatileyo. Umzekelo, uthandana noLizo etshatile, umithiswa nguLizo esanxibe iimpahla zezila, ukhaba ngawo omane isiko lekhaya lokungenwa.



- ULizo ubheka eRhawutini ngeenjongo zokuya kubulala uSidima noZodwa Zazile endaweni yokubulala uSidima ubulala uDuma. Udubula abulale uZodwa waseBhayi ngelokucima ubungqina.
- USidima ukufika kwakhe emva kwesi sihelegu uthabatha uZodwa Zazile babalekele eSwazini.
- UNamhla uyakhulelwa kungentsuku zatywala umyeni eswelekile ekhuleliswa nguLizo esanxibe izila, akaboni nyala kuloo nto.
- Isimilo siyabhenceka kuNamhla kuba uthuka unina uMaDlamini nonizala uMaNdaba naye nawuphi na umntu ongena into yakhe noLizo.

### Isisombululo

- Kweli nqanaba kusionjululwa iqhina ebelibotshiwe loma nka kumanqanaba angaphambili. Kutyhilwa kukwawululwa izinto ebezingahambi ngendlela eyiyo, kuphenduleka imibuzo emininzi ebingaphenduleki. Umzekelo: Umbulali kaDuma noZodwa waseBhayi kuyavela ukuba nguLizo Vaxa yaye uZodwa Zazile noSidima ayingabo ababhubhileyo. Kuyatyhileka ukuba uMalimakhwe ngoyena nina kaNamhla. Kuyacaca ukuba uSilumko akalilo igqirha ungumcuphi.

### Isiphelo

- Kweli nqanaba lesiphelo kuyavela ukuba umdlalo unesiphelo esihle okanye esibi yaye zonke iziganeko ziyaqukunjelwa izinto ziya ngokwendawo zazo.
- Kule ncwadi abenzi bobubi bayabanjwa bohlwaywe. ULizo ongumbulali uyabanjwa avalelwe, uMalimakhwe ubanjelwa ukuxoka nabo bonke abaphethe izixhobo ezingekho mthethweni abanjengoSidima, noZodwa Zazile. UGobinamba yena udlala indima yakhe yokuxolelanisa njengeNkosi. Amagqobhoka afunyaniswa emsulwa, avuma iingoma zoloyiso.

[25]

### UMBUZO 13 (UMBUZO OMFUTSHANE)

#### AMAZA – ZS Qangule

- 13.1 Badibene kwaDanile.√ / KuloNamhla. √/ kwamaDlamini √/emaBheleni.√  
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 13.2 Kukusweleka kwendoda kaNamhla uSidima.√√ (2)
- 13.3 Ungenwe emlonyeni nguNamhla.√√/Uthe esathetha waphazanyiswa nguNamhla ocatshukiswa lisiko lokungenwa.√√  
(Nayiphi na kwezi) (2)
- 13.4 Ityhila ukuba uNamhla ngumntwana ongabahloniphiyo abantu abadala.√√/  
Unomsindo ngenxa yokunyanzelwa ngomtshato angawufuniyo. √√  
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
- 13.5 Yimpixano yangaphandle√ kuba kubhidana aMaBhele ngomba wokungenwa kukaNamhla.√ (2)

- 13.6 Inqanaba lovuthondaba.√/Kuba ikwelona nqanaba liphezulu, kasabanjenwe kuzanywa ukusonjululwa izinto, uNamhla uxambulisana nabazali kuba engafuni kuvuma isiko lokungenwa.√ (2)
- 13.7 Umshubelisile, wamfinyisa, wamfundisa uNamhla.√/umkhulisile.√  
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 13.8 Ngulo wokungavisisani kwamaCirha noNamhla.√√ (2)
- 13.9 NguNamhla.√ (1)
- 13.10 Kungenxa yendlela yokuziphatha kukaNamhla oyinkosikazi kaSidima.√√ (2)
- 13.11 Usebenzise uSilumko othe umbone uMandaba egrumbela ufele lwenyoka nto leyo eya kubenza bangatshati naphakade, uLizo noNamhla bakholelwa.√√ (2)
- 13.12 Yayikukuba wayesithi uya kumnceda ekupheliseni uthando lukaLizo noNamhla.√√ (2)
- 13.13 NguValithuba√ kuba uvela ngamaxesha athile aphinde asithele.√/ usetyenziselwe ukuphuhlisa injongo ethile yombhali.√ (2)
- 13.14 Zange iphumelele√ kuba uLizo wabanjwa bengekatshati.√ (2)

**[25]****UMBUZO 14 (ISINCOKO SONCWADI)****A-a-a! JONGUMSOBOMVU! – BB Mkonto****Umfundi makachankcathe kwezingongoma zilandelayo:****Ingabula zigcawu:**

- Kweli nqanaba umbhali usivezela abalinganiswa abaphambili ekwasityhilela nangezimo zabo, ixesha nendawo eliqhubeka kuyo ibali, usikrobisa kwizithole zempixwano eziza kuqhambukisa ingxubakaxaka yongquzulwano.
- Eli bali liqala sixelelwa ngoMaqoma okwikomkhulu lakhe iTshokotshela. Sibona inkosi ezinje ngoSomerset engonwabanga ngenxa yokuba wayefuna umhlaba kaMaqoma. Oku kungonwabi sikubona nasesiDutyini kunkosi uBawana ejikelezwa ngamaphakathi ngenxa yendlela awaphethe ngayo.
- UNkosi uMaqoma akonwabanga kuba umhlaba wabaMnyama ubhunywulwa ngabaMhlophe bebathatha bebabeka kwimihlaba eyimiqwebedu baze balahlekelwe yimfuyo namalungelo kule mihlaba.
- UMaqoma uzimisele ukusikhusela isizwe sakhe kanti noSomerset kwelakhe icala uzimisele ukumkhupha uMaqoma kumhlaba wakhe awunike abaMhlophe.
- Ekuhlaleni iinkosi nabantu bazo zizonwabele kusilwa iindywala kuselwe, izinyanya nazo ziyanqulwa. Le ndlela yokuphila iyanyenjwa ngabaMhlophe. Zonke iinkosi zinamajoni azo okukhusela isizwe xa kukho imfuneko yoko.
- Olu kruthakruthwano lomhlaba lubangele uSomerset enze isicwangciso ukubonisa ukuzimisela ukuwufuna ngenkani, loo nto yenza uMaqoma ahlale ehlanganisile nayiphi na into enokuvela.

**Ukuyondelelana kwebali:**

- Izithole zempixwano zikhula ngokukhula litsho liyondelelane ibali nezimo zabalinganiswa ziyadula ngenxa yeentetho nezenzo zabo. Unxunguphalo oludalwa yimpixano luyatwebeka.
- USomerset eRhini uqinisekisa ukuba amajoni akhe akwicala lakhe ukuze bakwazi ukumhlasela ngobuchule uMaqoma. Abefundisi bayekisa abantu izono kwaze kwakhiwa nezikolo.
- USomerset uba luncedo ekubeni abefundisi bakwazi ukufumana umhlaba.
- Abefundisi bacela imihlaba kwiilali nangona bengekaziwa.
- USomerset ukhupha umyalelo wokuba zihlaselwe iilali zakwaNdlambe kwelinye icala noMaqoma uyalela awakhe amabutho ukuba ayokulanda imfuyo eyayibiwe ahlasele xa kuyimfuneko.
- Abetha ebuyelela amajoni ekuhlaseleni loo nto yenza ukuba kungabikho konwaba.

**Uvuthondaba**

- Kweli nqanaba zonke iziganeko zikhule de zafikelela kwelona qondo liphezulu [encochoyini]. Omabini amacala awavumi kugoba uphondo, awanikezeli oko kukuthi kubambene ingwe nengonyama. Kulo mmandla abalinganiswa baxolele ukumila ingca emqolo kunokuba iinjongo zabo zingaphumeleli.
- Abefundisi kwimvuselelo zasekuhlaleni babebethelela uluvo lokuba abantu abaNyama ingakumbi amakhoboka babizwe njengemirhangqolo yabahedeni.
- Abefundisi bazama ngandlela zonke ukurhwebeshela abantu kubo ukuze baphume kwiindlela abaphila zona zobuhedeni ngabula bona.
- Bazama ngandlela zonke ukufumana umhlaba ukuze abaguqukileyo abantu babe nendawo eyeyabo bangasuleleki kule ndlela bebephila ngayo.
- UMaqoma ubonisa ukungayamkeli indlela uSomerset angene ngayo kwimihlaba yooyise kwaye akayekanga ukuqhubeka neziyunguma.
- Ufumana iingcebiso kumaphakathi akhe zokugxotha abefundisi. Loo nto imenza ilunda ukuba azimisele ukungayeki umhlaba kayise umke nezinye izizwe.
- Izicwangciso zikaQuka ekhuthazwa nguMngxongo ngobukhosi bakhe ziququzelelwe nakukufika komfundisi ehamba noRufus owayephethe izixhobo zempucuko nezokulwa. Ukukuvuyela kwakhe oku kwavula ikroba lokuba inzondo yakhe ikhule esazi ukuba unezixhobo.
- Unkosi uBawana uyabulawa.

**Isisombululo**

- Kweli nqanaba kusionjululwa iqhina ebelibotshiwe loma nka kumanqanaba angaphambili. Kutyhilwa kukwawululwa izinto ebezingahambi ngendlela eyiyo, kuphenduleka imibuzo emininzi ebingaphenduleki.
- Kuyavela ukuba umdlalo unesiphelo esihle nesibi yaye zonke iziganeko ziyaqukunjelwa izinto ziya ngokwendawo zazo.

UQuka uyabulawa. Abefundisi bayavunyelwa nguMaqoma ukuba beze komkhulu. Injongo kaSomerset usebenzisa impilo yokugula kukaNgqika ukukhupha uMaqoma.

**Isiphelo**

- Incwadi evela eBhrithane yiyo eyakhupha uMaqoma kumhlaba wakhe. Ngenxa yentliziyo ebuhlungu uNgqika wayalela unyana wakhe ukuba ahambe afuthelane nomntakwabo aphume kulo mhlaba.
- UMaqoma uphela enikezela nangona wayefungile. Isizwe esimnyama salahlekelwa ngumhla waso.

**UMBUZO 15 (UMBUZO OMFUTSHANE)****A-a-a! JONGUMSOBOMVU! – BB Mkonto**

- 15.1 KuseRhini√/Kwinkampi yamaJoni√/Kusegumbini lomphathi -hlelo weMpuma - Koloni.√  
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 15.2 Kukukhululwa kwamakhoboka ejele.√√ (2)
- 15.3 Avelisa ukuba abelungu babesele bengenile kwilizwe labaMnyama.√√ (2)
- 15.4 Ibonisa ukuba uwaxabisile amalungelo abantu√√/Ibonisa ukuba nosizi nokungathandi indlela apha theke ngayo amakhoboka.√√  
(Nayiphi na kwezi) (2)
- 15.5 Wayenawo, kuba intetho kaKondile noSomerset iyangqina ukuba ngenene uHintsawo wayenawo amakhoboka.√√ (2)
- 15.6 Likwinqanaba lokukhula kwezinto.√ kuba ibali liyayondelelana.√ (2)
- 15.7 Wayenoloyiko ngeenzima, ucwangco lomthetho nobusela oluza namakhoboka.√√ (2)
- 15.8 Uzotywe njengomlinganiswa okhohlakeleyo waze waguquka√√/ wayengumlinganiswa owayenecala elibi waza waguquka wanecala elihle.√√/uzotywe wangumlinganiswa ongqukuva.√√  
(Nayiphi na kwezi) (2)
- 15.9 Sisimo sentlalo sakwaNtu ukuba umntu xa efika abuzwe ukuba ihambo yakhe ibe njani na.√ (1)
- 15.10 Kungokuba uQuka naye wayezibona esesikhundleni sikaBawana inguye inkosi.√ (1)
- 15.11 Kutyhila ukuba kusekho abantu abangekabanjwa malunga nokubulalwa kukaBawana.√√ Kukho inyani engekaphumi malunga nokubulalwa kukaBawana.√√  
(Nayiphi na impendulo kwezi) (2)

- 15.12 Babubuhle kakhulu<sup>√</sup> kuba wayethandwa ngamaNgesi uNgqika naye ewathanda kuba wayewakhusela.<sup>√</sup> (2)
- 15.13 Luyinene kuba uSomerset ubangisana noMaqoma ngomhlaba kodwa eqamele ngevangeli.<sup>√√</sup>/linzame zikaSomerset zazinobuqili bokufuna inzuzo kwisizwe sikaMaqoma phantsi kwephiko lokushumayela ivangeli.<sup>√√</sup>
- (Nayiphi na kwezi) (2)
- 15.14 Ungembali yeSizwe samaXhosa<sup>√√</sup>/Ungokubhunyulwa kwemihlaba nemfuyo yamaXhosa kukhokeliswa ivangeli.<sup>√√</sup>
- (Nayiphi na kwezi) (2)
- [25]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 25**  
**AMANQAKU EWONKE: 80**

**EMAKUQATSHELWE XA KUMAKISHWA.**

1. Xa umviwa ebhale iimpendulo ezingaphezulu kwezilindelekileyo, makisha impendulo esekuqaleni kuphela. **(Umviwa akavumelekanga ukuba aphendule umbuzo omde nombuzo omfutshane kudidi olunye).**
2. Xa umviwa ephendule yomine imibuzo ekwiCANDELO A (imibongo efundisiweyo), makisha kuphela emibini yokuqala.
3. Xa umviwa ephendule imibuzo emibini emifutshane okanye imibuzo emibini emide kwiCANDELO B nakwiCANDELO C, makisha umbuzo wokuqala kuphela umbuzo wokuqala kwiCANDELO ngalinye.
4. Xa umviwa enike iimpendulo ezimbini ibe eyokuqala ingachanekanga, elandelayo ichanekile, makisha eyokuqala ungayihoyi elandelayo.
5. Xa iimpendulo zinonjolwe ngokungachanekanga, makisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemorandum.
6. Xa upelo olugwenxa luguqula intsingiselo, yihlabe loo mpendulo. Xa Intsingiselo ingaguqukanga ngenxa yopelo olugwenxa, yimakishe loo mpendulo.

7. *Imibuzo emide.*

Xa impendulo yombuzo omde imfutshane kunoko kulindelekileyo ngokwenani lamagama, musa ukumohlwaya umviwa kuba sele ezohlwaye ngokwakhe. Xa impendulo yombuzo omde inde kakhulu, phicotha ngokwempendulo ayibhalileyo wandule ukuyigqithisela kummakishi ophezulu.

**Sebenzisa iirubriki zokuhlola ezisisihlomelo A no B kuxwebhu lwezikhokelo zokuseta iimviwo ukumakisha imibuzo emide yabaviwa.**

8. *Imibuzo emifutshane.*

Musa ukumohlwaya umviwa ongasebenzisanga iimpawu zocaphulo xa ecaphula.

9. **Kwimibuzo evulelekileyo**, musa ukunika amanqaku ngoHAYi/EWE okanye ngoNDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Makisha impendulo exhasayo.
10. Akukho manqaku Abelwa uYINYANI/BUBUXOKI okanye LULUVO/YINYANI. Makishwa impendulo exhasayo.

**6.1 ISIHLOMELo A: IRUBRIKI YOKUMAKISHA ISINCOKO SESIHOBE****ICANDELO A: Irubriki yesincoko soncwadi: ISIHOBE [10 AMANQAKU]**

Imiqathango	Egqwesileyo	Esemagqabini neqaqambileyo	Eyanelisayo nefanelekileyo	Eyinxalenye	Engaphumelelanga
	8–10	6–7	4–5	2–3	0–1
<b>UMXHOLO</b>  Ukuhlalutywa kwesihloko, ubunzulu bengxoxo, indlela azakuzela ngayo ingxoxo, ukuwulandela kakuhle umhobe.  <b>7 AMANQAKU</b>	-Isihloko sitolikwe ngokunzulu. -lingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa isihobe. -Impendulo ibonisa ulwazi olugqwesileyo lwesihobe.	-Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo. -Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo. -Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile. -Impendulo ibonisa ulwazi lwesihobe.	-Isihloko sitolikwe ngokwanelisayo -Akho amanqaku axhasa isihloko kakuhle. -Ezinye iingxoxo zixhasiwe nangona ingezizo zonke ezixhaswe ngokwanelisayo. -Impendulo ibonisa ulwazi olusisiseko lwesihobe.	-Ayanelisi indlela ekutolikwe ngayo isihloko/umbuzo. -Anqongophele kakhulu amanqaku okuxhasa isihloko. -Impendulo ibonisa ukuqhwalela kulwazi lwesihobe.	-Akanalwazi kwaphela ngesihloko. -Impendulo ayikho mxholweni wesihobe. -Impendulo ibonisa ukulambatha kulwazi lwesihobe.
<b>ISAKHIWO NOLWIMI</b>  <b>3 AMANQAKU</b>	-Isakhiwo siyathungelana. -Ingxoxo ixongxwe kuhle kwaye zikhuliswe ngokugqwesileyo nangokucacileyo. -Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zivuthiwe, zinomtsalane, zichanekile. -Igrama upelo neziphumlisi azinaziphene kwaphela.	-Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle. -Ukuthungelana kwengxoxo kuyalandeleka. -Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ubukhulu becala.	-Bukho ubungqina besakhiwo. -Isincoko sibonakalisa ukusilela kukuthungelana nokunamathelana kwezimvo. -Iziphene zolwimi zimbawwa, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ikakhulu.	-Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo. -Ingxoxo ayicwangciswanga ngokukuko. -Bukho ubungqina beziphene zolwimi. -Ithoni nesimbo sokubhala zichanekanga.	-Isakhiwo sife amanqe. -Iziphene zolwimi ezingamkelekanga konke nesimbo esingachanekanga.
<b>AMANQAKU</b>	<b>8–10</b>	<b>6–7</b>	<b>4–5</b>	<b>2–3</b>	<b>0–1</b>

**ISIHLOMELO B: AMACANDELO B NO C: IRUBRIKI YOKUHLOLA ISINCOKO SONCWADI- INOVELI NEDRAMA [25 AMANQAKU]**

Imiqathango	Egqwesileyo	Esemagqabini neqaqambileyo	Eyanelisayo nefanelekileyo	Eyinxalenye	Engaphumelelanga
<b>UMXHOLO</b>	<b>12–15</b>	<b>9–11</b>	<b>6–8</b>	<b>4–5</b>	<b>0–3</b>
<b>15 AMANQAKU</b>	-Impendulo igqwesile. 14–15 -Impendulo ebalaseleyo. 12-13 -Ukutolikwa okunzulu kwesihloko -lingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa uncwadi. -Ukuqonda okubalaseleyo kwejenre netekisi.	-Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo. -Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo. Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile. -Impendulo ibonisa ulwazi lwejenre netekisi.	-Impendulo iphakathi, asiyiyo yonke imiba ekungenwe kuyo nzulu. -Akho amanqaku asixhasa ngokufanelekileyo isihloko -Ezinye izimvo zixhasiwe kodwa ubungqina abusoloko busamkeleka. -Ulwazi lwejenre/netekisi alugqibelelanga.	-Buncinane ubungqina obubonakalisa ukusazi isihloko yaye kunqabile ukungena nzulu kwimiba ekubhalwa ngayo. -Ambalwa amanqaku axhasa isihloko. -Impendulo ezichanekileyo zimbaw kakhulu. -Luncinane ulwazi ngejenre netekisi.	-Buncinci kakhulu ubungqina obububo ukuqonda isihloko. -Impendulo zisilele kakhulu ukuphendula umbuzo. -Izimvo zibekwe ngendlela engacacanga konke konke. -Alukho kwaphela ulwazi lwejenre netekisi.
<b>ISAKHIWO NOLWIMI</b>	<b>8–10</b>	<b>6-7</b>	<b>4–5</b>	<b>2–3</b>	<b>0–1</b>
<b>10 AMANQAKU</b>	-Isakhiwo siyathungelana. -Intshayelelo nesiphelo esigqwesileyo. -Ingxoxo yakheke ngokufanelekileyo yaze yakhuliswa ngokucacileyo -Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sivuthiwe, sinomtsalane, sichanekile.	-Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle. -Intshayelelo nesiphelo kunye nemihlathi zicwangciswe ngendlela edala uthungelwano. -Izimvo zithungelana ngokuchanekileyo. -Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sisetyenziswe Ngokuchanekileyo ikakhulu.	-Bukho ubungqina besakhiwo obungagqibelelanga. -Unamathelwano nothungelelwano lwezimvo lukho, kodwa kukho iziphene. -Zikho iziphene zolwimi ezithile, ithoni, nesimbo sokubhala sichanekile ikakhulu. -Imihlathi ichanekile ikakhulu.	-Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo. -Izimvo azithungelelani kakuhle. -Iziphene zolwimi ziyabonakala. -Ithoni nesimbo sokubhala asichanekanga. -Imihlathi ineziphene.	-Ukungabikho koyiloo kwenza ukuba kungabikho thungelelwano lwezimvo. -Imposiso zolwimi nesimbo sokubhala esife amanqe kwenza ukungavakali kokubhaliweyo. -Ayichanekanga ithoni nesimbo sokubhala -Ulwakhiwo lwemihlathi ludlakadlaka.
<b>AMANQAKU</b>	<b>20–25</b>	<b>15–18</b>	<b>10–13</b>	<b>5–8</b>	<b>0–4</b>

**QAPHELA:** Ukuba umviwa uwutyeshela ngokupheleleyo umxholo, suka wabhala isincoko esiya sephepha lesithathu, mnike u-0.

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha